

# IMVO ZABANTSUNDU

## NATIVE OPINION

[IPEPA LAMAXOSA LEVEKI ZONKE.]

[LIHLAULELWA 3s. NGANYANGA NTATU.]

[IXABISO 3d.]

KING WILLIAM'S TOWN, NGOLWESI-TATU, MAY 12, 1886.

[No. 80.]

*Pambi kokuba nitenge  
kwezinye izindlu, kanizo  
kuzibonela impahla yetu  
entsha enyulwe kakuhle,*

NO

*Ukuba ufuna into elungileyo kanye  
ngemali yako, kawuti gxada kwindlu yetu  
entsha yengubo.*

### Udaba Oolumnandi.

**K**ULUVUYO kuti ikwazisa izihlobo zetu okokuba Impahla yetu esandukuvela Pesheya kolwandle ifikile, nokokuba kanjalo ezimpahla zikankanywayo ngasezantsi apa sizi tengisa ngamaxabiso ayakubalungela bonke, nangona imali inje ukuswelika kwayo.

Lempahla ilandelayo itengiswa ngeminqopiso ekufuneka ke ngoko ukuba uyatenge ingekatengiswa.

Izihlangu zamanenekazi— I patuloni entsha ngexabiso elipantsi.

Izihlangu zamadoda— Zi-qala kwi 5/6 zizibini.

Ezamadoda, ne zamankazana izihlangu ezinge nayitende (slippers).

Ikeleko emhlope etambileyo iyada ziba 12 nge 2/lid.

Ikwiliti ezinamabala ze 3/6 Ihempe zamadoda, zihleli zodwa, kanti zomelele.

Iqiya zentloko ezizi Keshemiya (onke amabala).

Amalapu Amhlope ekoyi (apindiwe ububanzi) 1/ iyadi.

Ivelvete ezintle kunene ezinamabala nezimnyama.

Iwaka lenqawa i "GBD" Briars, njalo, njalo.

ZONKE amanani apulwe pakati. Yiza kuzibonele kwangoku kuba akubizwa nto ngokukangela.

Kwa

### W.O. CARTER & Co.

Kwinkundla ka Makeleni,

### E-QONCE.

R. W. ROSE-INNES,

### Umteteleli-Ematyaleni, Umqinisi

WEMVUMELANO,

### Umanani Weziqinisele

**L**ONKE UNYAMEKO uyalunikele ekuteteni amatyala abamnyama nakweminye, imicimbi yabamnyama—ofuna umhlaba unokufunelwa, ofuna kujikwe igama lesiqinisele somhlaba unokwenzelwa. Lemiso' benzi uyifeza kwesi siqingata nakwezimelene naso.

W. J. DEALY,

Umtumeli wempahla kwindawo ngendawo noncedisa, abafuna ukutenga nokutengisa, e. Town Hall, Kwisitara esinga pantsi esesitatu, No. 3, Kwinkundla ye marike,

### E-QONCE.

Uhla aba nento eninzi yombona, na Mazimba, ne Tapile, ne Bran, ne Kalika, njalo jalo, ayitengisa tshipu.

Amaxabiso alungileyo uyawanika ngento ezinjengokutya.

*Impahla zamkelwa nguye azitumele kumacalana onke e-Koloni. Unombona omhle kunene ovela pesheya kwe-Nciba awutengisa tshipu kanye.*

BA  
YI VULILE

*Kwizindlu apa ebezisakuba no C. FENNELL & Co.*

EYABO ENTSHA

## Ivenkile Yokutengisa Nokwenza Ingubo

INE

MPAHLA ENTSHA NE BUHLUNGU

Enyulwe ngu Mr. CHARLES DYER ngesiqu e London. Yonke lempahla itengiswa ngamanani amancinane okugqibela, ukuze ibehle itengwe msinya ikwelelele enintshi eza ngezikepe.

*Pambi kokuba nitenge kwezinye izindlu, kanizokuzibonela impahla yetu entsha enyulwe kakuhle.*

*Ukuba ufuna into elungileyo kanye ngemali yako kawuti gxada kwindlu yotu entsha Yengubo.*

### MAMFENGU! MAMFENGU!

### PAULANI OKU!

Lo ugama lingezantsi unika

### Amaxabiso apezulu ngo Boya,

### NEZIKUMBA

### Zenkomo nempahla emfutshane,

Kwivenkile zake ezise

### MBIZA, e Mtwaku nase

### Luxwesweni kwa BLAYI.

Into eyimpahla yevenkile itengiswa ngamaxabiso apantsi xa itengwa ngemali kuzo zonke ezindawo.

Kwakona kwivenkile yakwa Blayi utengisa IGUSHA ezi 600, NENKOMO ezi 50.

### THOS. MORIARTY.

Blyth Station, Fingoland.

2tc

### ISAZISO.

**NJENGOKUBA** o C. FENNELL & CO. beyitabatile ivenki leapa ese Bhongweni, e Toleni, ebifudula ipetwe ngu Mr. JOHN ROBINSON, bayaziswa bonke abanamatyala kuyo ukuba mabayihlaule yonke imali ezizikweliti ko C. FENNELL & CO., pakati kwentsuku ezipakati kolu nolwa 30 April lo ukuze kuzokuqondwa ukuma kwe venkile.

### C. MUSGROVE,

OTENGISA IMPAHLA ETSHIPU YENDLU,

Kwindlu Ekangelene no W. O. CARTER & CO.,

### E QONCE.

Onoxesha bempahla yendlu batengiswa nguye ngemali encinane.

Unokubatengela abantu abakude impahla abayifunayo kwimisito eti ibeko e Qonce xa bete banqopisana naye

# JOHN J. IRVINE & CO.,

Abatenga impahla kwamanye amazwe,  
Nakweli,

## Nabatengeli bofani ngofani,

Abatengi bento ezivelisiwo ngabantsundu  
esinjengo

# BOYA, IZIKUMBA ZENKOMO, Nezempahla emfutshane,

BEMPONDO,

Nokudla, njalo njalo.

Ivenkile nozitora zentlobo ngontlobo, ezikwindawo ngendawo, ezitenga impahla kuti, zine cam lokufumana impahla yentlobo zonke ehambe itengwa ngentelekelelo enkulu kumagumbi ngamagumbi elizwe.

Kuyo yonke indawo esitenga kuyo impahla yezi zitira zetu sitenga ngapandle kokwenza tyala, ngokwenjenjalo lo ksondele ekufumanini eyona mpahla itshatsheleyo ngamaxabiso apantsi.

Amamaxabiso apezulu anikwayo ngamaxa namaxa ngonto osukuba itengiswa anikowa apa.

# JOHN J. IRVINE & CO.

No. 8 of 1886.]

OLOLIWE BAKWA RULUMENTE.

## Izilimo zale Koloni Eziwezwayo.

UKUHLISWA KWAMAXABISO.

KUYAZISWA ukuba amaxabiso okututa ukutya netapile ngololiwe xa kuswa kwidolopu ezayame ulwandle kusinga pesheya kolwandle ahliswe. Lawo maxabiso acalucalulwe kwi *Government Gazette* yomhla wokaqala. Kwi Ofisi yom Pati Omkulu wo Loliwe, E Kapa, 6th May, 1886.

A. DIFFORD, Secretary,

## EDWARD KELLY,

Umteteleli kwinkundla yama

tyala,

Ubuta imali ezizikweliti, ayitumele kubaniniyo kwaoko.

Uligqweta lamatyala entlobo zonke kwinkundla yomantyi.

Umvuzo awubizayo mncinane.

I Ofisi: CALA.

## ANDREW GONTSHI,

Umteteleli ematyaleni,

Aloeville, Kei River,

TRANSKEI

## JEREMIAH KUZANE,

Umteteleli Ematyaleni,

Kwa Tsolo; ukwakufupi kwa Qumbu.

KWA G. WHITAKER, kwi-venkile etengela nentwana ezincinane kuko, kutengelwa tshipu kanye Umbona, nento ezinjalo, Umgubo, neswekile, njalo-njalo, njalo.

ISIKUMBUZO.] —U— JOSEPH J. YATES, OBEKE ESE BAYI, Ngumteteleli Ematyaleni, ufeza nemicimbi engemihlaba, nento zonke ezifezwa "nga magqweta."

JOFISI—Egumhini le ALEXANDRA ROAD ne Downing Street, kula ofisi ibisakuba yeka Mr. Innes. 136m

## ISAZISO SOMHLELI.

U MR. JOHN MAHALI umiselwe ukuba Ligosa le *Mvo* esiqingateni sase Tsomo ne Mbhulu.

## OFUNAYO.

NDIFUNA abantu bakowetu ababefudukele pesheya kwenciba ngase Xilinx xa emva koko ndeva ngati bafudukele Emapondweni ndicela abahlobo ukuba bandinike i address yabo nalapo bekona. Igama ngu W. ZEPE SOMNGESI. Ndim

W.N. Somngesi.

## Abazelweyo.

M A Q U B E L A.—E-Willow Vale, ngo Mgqibelo 10th April, 1886, u-Mrs. JAMES MAQUBLA ubeleke Intombi.

## Abatshatileyo.

MADUBELA-MPANJUKELWA.—E-Qina, Butterworth, ngo April 20th, 1886, kutshatise Dgu Rev. S. Mzamo u JOEL J. MADUBELA no ANNIE, Intombi ka PETER MPANJUKELWA.

## Ababhubileyo.

NTOZINI.—E Tsomo, ngo 6 May, 1886, kubhubhe u THOMAS A BECKETT, unyana ka J. NTOZINI, owazalwe ngo 15 August, 1885. Abahlobo mabamkele lombiko.

## Iveki.

AMAWETU yawangena kakubi lento ikukuhlaba umkosi, yenye yezinto ezingaku-tshwayo nalilizwi kuwo.

Kudala umntu ebeya avele emkhalweni awutsho, aze ati owuwe ezantsi le asele ewuhlaba naye ewugqisa engayivanga nokuba ibiyintonina " Nkomo yeyele ;! kwelika Gxulusha ! yeyele ngelomkono.

Wofika ke sebezizi xibindwane ukusukela, sebebile bengamanqgwala kusukelwa isanga. Uze ubone sebezika begoduka sebezika lela intaka ngokwabantwana.

Yintoninale ma Afrika ? Upina UMONDE ne ZENZO izinto eziyakuqinisa ipepa. Abanye banela ukufaka amagama abo nanamhla ali-fiki iqosha. Inkoliso yabo ijikile seyiga- lela intaka kumayo akudala.

Kuko inkwenkwezana enetsho ebimana ukubonwa kwezintsoku zigqitileyo xi kusandukuhlwa. Yanga ayingenzi nokuba'ela.

Lento yalomqolodiba kutiwa baza kudli- wa ngawo abantu isixakile kuba pakati kwa- lomzi wase Qonce ungamatyolo ezitweni.

Imantyi enkulu yakwa Adam Koko u Nda-beni itumele u Lieutenant Sampson komku- lu ku Mqikela, nenteto embonisayo kuba esisidubedube sikoyo sivuswe ngama Mpondo emveni kokubuya kwezintyuna zawo e Kapa. Nokuba xa apindileyo angena kwela Maxesibe nela Mabhaca seleya kufunza u Rulumente.

Lencwadi yanamhla kankosi Mhlangaso ibonisa ukuba u Rulumente " ukota eyixa- tula."

U Rev. J. Walton M.A. unduluke e Rini ngolwesi Hlanu ukuya kungena esikepeni esisinga e Ngilani kunye nosapo Iwaka.

Ute esa hamba umfo e Ndenxa enezinja ezimbini watana nqwakaqa ne namba. Usi- nde ematavityayini, izinja zake zaginywa zo- mbini yinamba.

Lomkosi ulapa wamapolisa usasaziwe sekusele igqizana elincinane ngoku.

Izijoli zamakomkulu ase Yuropu zikwelele e Athens kwelama Griki kuba engavumi ukuba mayigqitywe ngemilomo impikisano ya- wo nama Turkey. Imikosi seyi jamelene emideni ye Greece ne Turkey.

Kuko umingimngi lokungati lento enza oku ama Griki atembe ukuthelelwa ngama Rashiya.

Imali yokutya neye nkomo ipantsi kakubi e Mampondweni. Kutiwa kwezinye indawo kubetele ukuyi xela kanye utengise ngesikumba nempondo ukuze uzize intwana.

I cebo ebelingeniswe ngu Mr. Dyer e Palamente lokuba kwenziwe iboloro enqamla i Xesi kwa Tese, ne nqamla u Mbashe ku Mlola laliwa kwatiwa ayiko imali.

U Ama Bhulu alinyanzele ade oyisa ipike e Palamente lokuba lama Bhulu axovula u tywala ngase Kapa anga rafiswa ngu Rulumente ngalomsibenzi.

UMANZ'ABOMVU ubikwa e Bofolo kwa Ntisi- leni, nase Nyara.

U MR. PATON wecala lakwa Scanlen, unyu. Iwo ukuba aye e Palamente E Ligwa E Kimberley kupumelele u Mr. O'Leary um- Sprigg.

## Imvo Zabantsundu.

NGOLWESI-TATU, MAY 12, 1886.

Imo yemicimbi SIYAMBULELA kwele Mampondo. uNkofi UMHLA- NGASO J. S. FAKU namanye ama- tshawe akwa HLAMBA-NGOBUBENDE ngokusivisa indaba zelo lase Mampondweni. Abantu bakolisa ukuba indaba zase Mampondweni ngo Rulumeni. Ukolisa ngokuti ke u Rulumeni avakalise into ezilungele yena yedwa. Kwakuyo le Palamente u Mr. DE WET ubencoma ihambiseko entle yemicimbi Emapondweni njengokuba inguye nje Umpatiswa Micimbi Yabantsundu. Incwadi ka Nkosi UMHLANGASO ibonisa ukuba u Mr. DE WET ube- vakalisa umnqweno wake kodwa. Incwadi ezo zingela Mampondo zo- funyanwa kwakwelipepa.

Ukupeliswa kwe Rafa Yotywala.

INENE elimele i Paarl MARAIS, lingenise umteto wokuba ipelisiwe irafu yotywala. Lerafu okwangokubanga ukuba ibhotile ibe zipeni ezimbini ngapezulu kokuba injalo xa ingeko. Ipelisiwe njeke ibhotile ye brandi yoba peni mbini ngapantsi kokuba ibinjalo. Kule rafu u Rulumeni ubefumana £70,000 ngomyaka. Ngolwesi-Hlanu lweveki egqitileyo u Mr. MARAIS unge- nise umteto wokuyipelisa ngaxesha 'nye lerafu, nakuba u Rulumeni ebengavumi woyisiwe ke kodwa. Wazisile ke u Mr. SPRIGG ukuba ngayo leveki ibhunga liyakucinga iqhinga lokumisa rafu yimbi.

Umzi omhlophe nomnyama awusa- kuvutwa yinto yokuba utwaliswe irafu ngapezulu kokuba utwele. Lo Rulument' ngepumele Kwangena la- madoda ase Mabhulwini ekulauleni aza angawo azama rafu yimbi. Irafu mazingatotywa ku Mabhulu, masi- twale sonke.

## Amanqaku

UMHLOBO wetu ipepa lase Bayi i Tele- graph kumanqaku ebeliwenza liteta ngoku- kutshwa kuka Mbovane Mabantla ebukosini, lifike litete lamazwi obulnmo:—"Abantu abantsundu kwelase Maxhoseni bayashuku- tana kwakona, bati makukangelwe ityala lenkosi yabo ekutshwayo. Saka sateta ngelityala. Konke ukukanya nobu-Krestu ; nayo nankwe amandla awenziwa kukulunga kwemfundo, azanele ukuyisiza intlizivo yomntu omnyama ebukosini nasekubhulone- leni ubukosi. Unkosi Mabantla wakutshwa ngu Mr. De Wet. Kute kusakubuziswa kwa- buya kwabonakala ukuba makabuyiselwe

ebukosini. Emveni koko kufike incwadi ezi- bhalwe ngunobhala obambileyo, zifikile la- guqulwa eliyazwi kwatiwa selekutshwe impela ngoku. Abantu abantsundu ke ba- yayikalazela lempato inje ka Rulumente. Bangamashumi amahlanu abantu balonkosi ababhalwe incwadi bayitumela e Palamente befuna ukuba esona sizatu ekutshwe ngaso inkosi yabo; ukuze bazazi izinto emabazipe- pe, kanjalo bakwazi ukumtandaza u Rulu- mente ukuba ayixolele inkosi yabo. Wonke umntu onetyala unetungelo lokuba lanekwe pambi kwake ityala ekutiwa unalo, naku Mabantla ke kufuneka lonto kanye."

SINOLOYIKO ngati amawetu alibele ukuba eli lixesha lokuhlwayela ingqolowa. Kubo bonke abantu esiva ngabo, nati xa sikange- leyo kubonakale ukuba abantu bemke kaku- lu nalendeyo yamazimba nombona, ingqo- lowa ilahlwe. Lonto ke kukuzirwisha ngo- kwabo, siyatamba ukuba abantu bayakuzi- shukumisa ngokwabo bahlwayele kakulu ingqolowa kwangoku.

UMZI awaneliswa yinto yokuba lamadoda mahlanu alulayo apikele ukuba zipata-ma- ndla ekubeni sekukokwesitatu esoyiswa ngamanani. Kuqala oyiswe kumcimbi wo- kuhliswa kwemali zabasebenzi kwa Rulume- ni, aza oyiswa kwada kwakabini kumcimbi werafu ye brandi engeniswa ngapezu kwe £70,000 ngonyaka. Bekukangelwe ukuba bangati boyisiwe kumcimbi omkulu kangaka bapume bayekele u Mr. Hofmeyr. Bebesiba abantu bopuma ababalauli baze badibane no Sir T. C. Scanlen ukubeka irafu engape- zulu etywalen. Lonto abayenzanga, yiyo lonto bagxwagxushwayo.

## Emampondweni.

Sicelwa ngabanumzana ukuba sivaka- lise ezindaba ngezpitipiti eke zako kwela Mampondo:—

### AMABHACA NO MDA.

Eshilonyaneni, April 24, 1886. Ndiyacelwa indawo kwelipepa lohlanga *Zmvo Zabantsundu*. Ndihi kutenina lenda- dawo Amabhaca awela izolo nezolo, ati esenjenjalonje angama Rulumente, kuko umda pakati kwalendawo awela kuyo ukuba kulwa nati Emampondweni, singa- weli tina. Bekulapo bengaweli ngasizatu, befumana bezile nje ngapandle kwesiza- tu. Ndihi kuni luhlanga kungaba kuyi- mposisona xa ngaba kuwela Umpondo namhlanje. Ndihi kuba sitete kaninzi ngalendawo yokuwela kwa Mabhaca emdeni, ewela imihla ngemihla njalo- n jalo emdeni owawufunwe nga Mabhaca, singafunanga mda tina ngokwetu; wafu- nwa yi Ruluneli kuti ukufunela Amabha- ca. Atininake Amabhaca la kuti? Ka- njalo iyepina lenkosi yayibacelele umhla- ba namhlanje? Ndihekisa kuni luhla- nga luntsundu nakolumhlope. Ze nisi- bonise tina Mampondo, nditsho ke mane- ne ukucela kuni. Isicelo sam sinjalo. Kutshe izindlu, kwafa abantu, kwapa- rigwa impahla. Into enkulu kwicalalika Rulumente utama izigidimi ezicela indle- la ezivela emacwebeni, ziti Amabhaca na Maxesibe bexhotyiswenje baxhotyiselwe indlela besiti izixhobo ezi wati ukuze azirole u Rulumente makanikwe indlela epuma elwandle. Ezonteto zinjalo zona zitetwa zintyuna Zomhlekezi omkulu ziteta ntonina ukutsho. Yimfazwana pakati ko Rulumente na Mampondo lento zishoyo izintyuna zenkosi. Elohizwi asiliqondi ukuba leloxolo lelezwe-kufa kusinina elozwi; ngakuba tina sibheke Amabhaca na Maxesibe into ayenzayo libuye liti ilizwi lezintyuna ukuba kena- lwa nabo nabalandela ingaba seniyakuba niwa no Rulumente. Litsho. Asiyazike into eliyitayato elozwi liti hlanu pantsi abulale yena Umhaca no Mxesibe, ati yena Umpondo abaleke ukuze angabina- tyala, ukuze asinde etyaleni ku Mhlekezi. Nditsho indawo ezisikhohileyo apa Emampondweni ezozinto ke zizohle ku- sini ezintilizweni zetu xa kunjalo? Nango amazana am. Ndobuyi ndini- vise kuba lento isende kunene, mandi- nqumame kungokunje kulendawo. No- buye nive ezinye kamsinya indaba.

UMHLANGASO J. S. FAKU.

P. S.—Enye indawo impahla ziyapela apa. Amahashe ekhileyo onke emva kwesipitipiti amashumi mabini anesi- hlanu (25), ngapandle kwenkomo ezimka- yo ngoku; yenye into ke leyo.

U. J. S. F.

### UKUTYOLWA.

Pondoland, 22 April 1886. Ku Mhleli we *Mvo Zabantsundu*. Kaundincele ngokundifakela lemigca- na imbalwa epepeni lako elidumileyo. Ndihone incwadi epepeni lako lomhla weshumi elinesitandatu ngo December odlulileyo 1885, ivela ku Rev. Mjila umfu- ndisi wase Wesile, wakowetu. Ndinosisi oluluku kanye lokuba ndi- nyanzeleke ukuba nditete amazwi anje ngenene elinjengo Rev. lo. Uti kulo- ncwadi yake andikangeni eqingeni lika Josiah no Notanaza abalenzayo—kukade ndilindele, ndisiti ndode ndilive eloqinga lam no Notanaza, ngoku kuzinyanga ezine ndilindle, nemp irolwa ide ipetu- lwe. Ke mna ndizakungena eqingeni lika Rev. Mjila no Notanaza ye Hlubi— eyakonza apa Emampondweni kwetu; lo Rev. wakutshelwa apa Emampondweni

msebenzi umanele—wazitatela owelizwe —kuba zonke izinto azititileyo bezinge- zizo ezokutetwa nguye. Nali iqinga labe: Kute ngalusuku ku November ndeza kubizwa ngumfana waso esosikolo sase Rode sidume ngoku- lunga—kwafika unyana ka Nomsuka umfo wakwa Ndaba, ogama lingu Jacob, wafika ndihleli emzini wam ndifeza imi- sebenzi yam yobukosi—wati "nditunywe ngu Nota nomfundisi bati kauleza uze kulamla impi iyalwa yakuti nama Mpon- do." Ndasuka ndanika umteto kwaoko wokuba makugququlwe amahashe atile notilsho amashumi amatatu amadodana —ndati mabaxhobe bonke—wafezwa lo- mteto—ndakwela kwaoko, ndaya ndafika ndahlula impi leyo yayisilwa—ndawago- dusa Amampondo. Ite yakubona ukuba icitakele ndabuzwa ku Nota ukuba isiqalo yintonina, wati kubulewe umntu wake u Nqabara ewela ngobusuku esiya nga- pesheya ko Mzimvubu. Ndihi ke ndaku- yiva indaba leyo ndati, kufanelekile ukuba nifike nonke emzini wam lento itetwe bati abanetyala bohlaywe — babulela kakulu yena nomfundisi lowo. Ndisiye

ilizwi ku Wm. Nota no Rev. Mjila ndati, ndotumela kusasa ndakubona ukuba ani- fiki msinya. Kute kanti inkabi enkulu emaqingana angenakubaliseka u Nota umfo okade epetuka eguqukela inkosi zake — kanti sebewalungisile onke amaqingana abo, ndati ndakuba ndite tshiki wayifunza umfo ka Hlahla "umcopela kwabakwa Nyati" yahlabana imambane zabambana ngendini, imambane zika Notanaza, umkweta wake—andingeqqibe isituba ngezo; kusile ukusa okungaliyo, ndatume- la ku Nota ndisiya kuva indaba, ndatu- ma amadoda amabini kwa Nota apo, ate esakufika yati into ka Mpambani u David omnye wabakokeli bakona kulomzi udu- mileyo, nibekwa yini apa ezizinto zintli- ziyi zilukuni, into ezingavumi kulamke- la ilizwi lika Tixo, hambani ngoku, ukuba amatshitsimbela ebekona beniyaku- dlwa zintaka—nabo basuka babaleka, besindisa ubom babo; kanti esitshonje umfo omkulu naku selete konyana bake bambani amahashe nibabulale. Ke nditi uhla kwenye indawo ukuze zihlangane kakuhle indaba—kusuke umntu ofigosa lam u Paul Notshweleka kunye no Godo intoka Matwasa, bemka baya kuva ku Notanaza indaba nokuya kungangela uyi- sekazi wake ukuba usahlali kakuhle— ute wafika kwimizwi yakwa Nota kweso sikolo sika Rev. Mjila, uto wehla ehashe- ni lake wabuzwa ukuba indaba yintonina, wesuka omnye umfana wakonawamgwa- za, wesuka wabaleka, kanti umka ngo- mxhelo waya wawa ezantsi kwesibaya (ubuhlantl) wabaleka omnye wezakuhla- ngana nalamadodana abe tunywe ku Nota, ndim, ati lamahashe ebendite kwa- tiwa makabanjwe aye kubulala ababantu bendibatumulile—afunzela isibhozo efunzela amadoda amatandatu, ngo5<sup>th</sup> M<sup>o</sup>gana nabanye abebekhambile yabo, bavela kubo badubu lendodana isinde paya ku Paul qefeqwaka kunyana ka Nota kunye nehase lake, sasiswenye apo—bafumana ituba lokuba babaleke. Beza bazilanda indaba ezo kum, ndama- ngaliswa ndakuziva, kuba bendingazi ukuba angati u Mjila angene eqingeni elinje kunye no Nota.

Kute kanti abakakoliseki—beza kund- vingccla ekayeni lam, uze uqonde ke ukuba ndeza kumenywa, kuba babaxakelile —kanti kufunwa ukuba kuyilwe amaqi- nga ngabanumzana abo bobabini. Zati imambano zakowetu ndakuzililela, zabi- zwa zinke pakati, kwangati kubaleka umhlambi webhokwe zibaleka imvula, sazuzo indlela. Mandiqkumbule ngoku, lomfo ka Mjila bendimtembele, simbekile kanye—kanti uza kuzihlazisa kangaka ngangokuba ahlangele nomntu olwa ne- nkosi yake—into abefanele ukuba alinge ngako konke ukuba ayintele into enje— ngakumbi emveni kokuba aze wanditu- mela umntu emzini wam eze kundibiza, kanti ufuna iqinga lokuba azuze ixesha lokuba bayile amaqingana okuba bagwinte abantu ngolohloho olunjengolo. Mandi- buye ndeleke ngelizwi lokuba olukulu kanye ukuba Win.

u Rev. Mjila angabonalalisa abantu apa kulo lonke elase Mampondweni ukuba angabuyiselwa endaweni yake ingaba inkulu into engavelayo. Nokuba olu- tyulo ndityolwa ngalo ngu Mjila lungat- tewa nokuba kupambi kwazipina inkosi akangengeni nanye into, kuzo ezi azi- tetileyo—ndingat zonke inteto zake azi- yonyaniso —ndingenantloni nokuba ndilibeke igama lam.

J. S. JENKINS.

## IMPENDULO KA MR. W. NOTA.

Bacaland, 24 March 1886. Ndiyakubongoza nyana wam Mhleli wepepa labantsundu, ndincele undifake- le lamazwi kwelipepa lako lidumileyo. Ndifuna ukupendula itshawe lase Mampondweni Umhlangaso Faku kwinteto yake ebhakele kwi *Mvo Zabantsundu* zomhla we 31 March. Pambi kokuba ndipendule ndicela ingqondo zamadoda amhlope ase Mangesini nawo onke amadoda antsendu ase Africa, ukuba mabaze bazibekelwe indlebe impendulo zam. Inye impendulo yam, andinampendulo mbini, kuzo zonke incwadi zam ezivela ku *Mhlangaso no Mqikela*, ndati mna " makuze imantyi enkulu yase Kokstad no mantyi wakwa Bhaca nomfundisi, ndiyakubako ke entlanganisweni apo." Andizangama ndale ukuba entlanganisweni, kuba ndi- sazi ukuba zonke izinto zigqitywa ngoku- tseta.

Yinyaniso ukuba ndati ndiyoyika ukuba ku Mampondo ewodwa. — Ukuqala into ebeangele ukuba ndifune imantyi na- bafundisi mhla u Rulumente wandibuyi- sela e Mampondweni ndabizwa ndaya pambi kwemantyi enkulu e Kokstad u Charles Brownlee, wawe yena enetshawe elidumileyo lase Mangesini u J. Oxley Oxland, Umqikela watama amadoda amabini aweza kunditanda pantsi kolaulo luka Rulumente, nanga- u Fadana, isiteti esikulu sase Mampondweni, no Joel Xo- mbo inene elidumileyo lase Mampondweni. Ngalomini ke kwatetwa amazwi amabini yimantyi enkulu u Charles Brownlee. Kwatiwa wena William Nota sikunikela kwaseszandleni zika Mqikela. Ndati ke mna ukubhekisa emantyi enkulu nakwelo pakati likulu, Amampondo akasayi kundibulalana njengokuba besendingu m-Rulumente nje? Yati imantyi, Haiy. Yati yona kum nangu umyolelo endikunika wona, Uze ululame- le Umqikela wenze yonke into ayi- yenze. Yaza yabhekisa kwipakati lika Mqikela elo yati, Nanko ke u William Nota ndi- mnikele kwaku Mqikela aze angam- hle ngamoni, yati ukuba uyakupatwa kakubi lonto u Rulumente akasayikuyi- tanda. Ndifuna ukubhekisa kuwe tsha- we lase Mampondweni Umhlangaso. Ndihi akuyazina lonteto lento uti wena ndizigwebele ngokuti makubeko imantyi entlanganisweni ukuze ndibeke ? Linga- ba ke lityala lezikulu zase Mampondweni ukuba olodaba azinipatelanga, mna ke ndilugcinile. Ndifuna ukutike kuwe nkosi Mhlangaso, Ndiyakubiza ukuba wena ulumkile, ufunde ngapezu kwam, uyazi ukuba amadoda amhlope ngamadoda- da azandla zimhlope obufanele ukuba uvuyele ukuba abeko kwesipitipiti; kungumngaliso kum ukuba uwacace uti awateni nento zase Mampondweni, kanti mna ndiyazi ukuba u Rulumente sisihlobo esikulu sama Mpondo kwaku- yihlo-mkulu u Faku Utango! Ukuze Amampondo la abe sisizwenje abiyelwe nguye.

Into yesibini, imbangele yokuba ndo- yike ukuya ku Mampondo ewodwa wati u Josiah mhlanga waxabana na Mabhaca,



## Amayeza ka Cook Abantsundu.

UMZI ontsundu ucelelwa ukuba ukangelise lamayeza abalulekileyo.

COOK Elika Iyeza Lesisu Nokuzazazo. 1/6 ibotile.

COOK Elika Iyeza Lokukohlela (Lingamafuta). 1/6 ibotile.

COOK Aka Amafuta Ezilonda Nokwekwe. 9d. ibotile.

COOK Elika Iyeza Lepalo. 1/6 ibotile.

COOK Ezika Ipils- 1/ ngebokisana. Eka Incindi Yezinyo.

COOK 6d. ngebotile. Oka

COOK Umcima Westepu Sabantwana. 6d ngebotile. Oka

COOK Umgutyana Wamehlo. 6d ngesiqunyana. Niqondise ukuba igama ngu

G. E. COOK, Chemist,

E QONCE.

Kuba ngawenkohliso angenalo igama lake.

Kaulese Imvo Zabantu ngabantu nge

## Rheumaticuro

Elona Yeza lakulu leli lizwe lengqagambo zamatambo nento ezinjalo.

Alikazanga lingancedi.

Likwaluncedo olukulu kukutyatyamba Komzimba licisine, Nakwintloko, Nakwezinye.

Benjenje ukulincoma ubake balilinga :— "Uti omnye zipela ingqaqambo (ekubeni besendinenyanga ndiqaqanjelwa) emva kweyure ezine ndiqalile ukuliseka, ndapuma kamnandi ebusuku, into ebendineveki ndingasayazi, ngoku ndipilile."

Wenjenje wumbi:— "Eliyeza lindipilise ngokungumangaliso. Bendibulawa sisinge inyanga ezintandatu kangangokuba bekusuka kube yinqaba ukuma ukuba ndike ndahlala. Bendingasena kutoba kuba bendingeze ndibuye ndipakane. Ibotile enye indipilise kanye."

Omnye uti:— "Benditwela ubuhlungu obukulu ngenxa yokuqaqanjelwa yintloko lemnyaka mibini ndada ndalinga i Rheumaticuro, ndivuyiswa kuba ibotile ezine zindincece kanye."

"Ndingarola," utsho omnye, "iponti ezintlanu ngebotile. Ngolwesi-Tatu olugqi, tileyo ndite ndakumatela ibotile yokuqala umfazi wam, wabengana kupakama ekoyeni nonyawo, enjalo inyanga; ngalo Mgqibelo nhleli esitulweni."

Uti omnye: "Lindenzele kanye lonto ubute liyakundenzela, uku ndipilisa ekutyatyambeni kwamamatambo. Liyeza angaswela amazwi okulincoma umntu, alisiyiyo inkohliso njengamanye."

Yiyo le enye inteto : "Wonke endimaziyo nditi makabe nalo, basancedekile bonke abalingileyo, andikeva nantu lingamncedanga."

Ukuvakalisi imvo zabantu ngalo kunga zalisa lonke ipepa.

Eliyeza linoku yalezwa kuzo zonke izindlu zamayeza, nevenkile, otandayo angalifumana kumninilo ngokutumela 3s. 6d. ngebotile, ongu

JAMES JONES,

46 LONG STREET, CAPE TOWN.

## Amayeza Abantsundu.

B. G. LENNON & CO.,

Abapitikezi Bamayeza,

E-MONTI,

NGOKU batengise zonke Intlobo, zine zalatiso ezizaliskileyo zibhalwe nge Sixosa kwisiquyana ngasinye.

Anokufunyanwa ku Mr. P. H. POTTER, e-Jojosi emantloko e Tole, nakwa banye abarwebi.

IYEZA LE PALO. Owona mciza wenene we Palo. IYEZA LOKUNQUMLA, ukuxaxaza noku blanza.

AMAFUTA EZILONDA. INCINDI YOKUPILISA AMAZINYO. I.PILLS (Amagaqana) zenyongo. AMATONTSI AMEHLO ABULALAYO. I TURLINGTON yoku sikwa nokuxuzuka nezinye izinto ezinjalo.

IYEZA lika LENNON LOKOHLOKOHLO. IYEZA lika Stretch Lokuhlikihla isifo samatambo (Rheumatism) nezinye ezibu. njalo, namanye ke.

I BRANDI

Elungileyo engapitikezwe nanto zinjengamanzi nezinye ezibululayo, itengwa ko

C.J. DOWELL &

BANK STREET,

E-QONCE

H. S. WAUGH & CO.,

THE ARCADE,  
QUEEN'S TOWN.

UMZI ontsundu ose Komani, e Hewu, e Skapu, e Kamastone, ku Ndllovukazi, kuzipaluka zase Batenjini, nakuyo yonke imimandla yelipezulu maungatengi nantonina ungakanga uyokuzanelisa kwimpahla entle kunene netengiswa ngawona maxabiso apantsi kwa H. S. WAUGH & CO., the Arcade, e Komani (Queenstown).

Banempahla yentlobo zonke ezaziwayo kumkondo we—

## NGUBO ZAMADODA:

Ibhulukw.e, Ibhathi, Ibhathi ezinkulu zengqele nezilula zokuhomba, Isuti, Ihempe, Iminqwazi, Ikresbhanti, namaqina.

Izihlangu zentlobo zonke.

## Impahla Yamaledi:

Ilinzi, Ikeleko, Ikeshmiya, Iprint ziqala kwitiki iyadi. Ihen setini, Iprinti ezibusetinira zohlobo olutsha zona.

## Kwimpahla eyenziwe ngoboya.

Ikausi zamaledi, nezamadoda, ingubo zangapantsi zentlobo zonke. Yonke impahla yokutshata itengwa apa, eseyenziwe, enokwenzelwa ofunayo ngexesha elifutshane.

Izambrela zamaledi, Izitezi, I-Gloves zabatshatayo.

I-Lace yentlobo ezininzi Namakaka (Frillings).

Iminqwazi eseyihonjisiwe, ne Bonet.

Impahlana eninzi yamaledi yentlobo zonke.—Intyatyambo zomtshato Nentsiba, njalo njalo.

Nifikile e Komani buzani kuqala indlu ka

H. S. WAUGH & CO.,

QUEEN'S TOWN.

ILIZWE LA MAMFENGU

IVENKILE E JOJOSI.

## IVENKILE KA MAVELETSHONA.

Ukuba ubuza ukuba yiyipina IVENKILE ELUNGILEYO kulo lonke ela Mamfengu, angatenga kuyo konke okunokukankanywa—nemaxabiso angadanisiyo—kuba inika amanani alungileyo

Nge zikumba, ngo Boya; nayo yonke into elinywayo. Nge Gusha, na Mahashe, ne Bhokwe ; Ihangu ne Nkuku. Yizani nazo ziyakutengwa ngu

Utengisa Zonke intlobo zamayeza.

P. H. POTTOR.

ELE-SIXHOSA NGU MAVELETSHONA.

Nalo icam lako.

IMOFU, U-MANZABOMVU, NENYONGO

Zinokutintelwa okunye zinokupiliswa

## Ngomciza ka Brown Wenkomo.

Otengisa kwa G. E. COOK, umgcini mayeza e-Qonce, nakwa G. BROWN (u-Somavenu) kwa Qoboqobo, ngamagutyana ayi-Gallon, nendlela yokuwasebenzisa ishicilelwe ngokumhlope.

Musani ukuyeka inkomo zenu zife !

28th April, 1886.

## Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

BOURKE NO MARSH,

eNyutawuni nakwisitalato esipambi kwe ofisi ngase mcancatweni.

DYER no DYER

E-QONCE, E-MONTI, E-KOMANI,

Batengisa lempahla ibalulwayo ngezantsi ngamaxabiso agqitiseleyo ngobuncinane:

## Ingcawa Zoboya.

Imatrasi zase Mkosini ezinemigca Imatrasi ezinemigca zase Zikepeni Imatrasi ezinemigca zase Witney

## AMABHAYI

Entlobo zonke zobukulu.

## IQIYA YOKUFINYA

Amabhali amane, zintlobo ezintsha zona

## IBHULUKWE ZEKODI,

Ezingqingqwa, zentlobo zonke zamabala.

## IZAMBULELE, NEZAMALEDI

## I-PRINTI

Zikwibbokisi ezimashumi mabini, zezentlobo eziketiweyo zona.

Ingubo Ezitambileyo Zokulala,

Zentlobo zontatu zokuhonjiswa.

## INTSIMBI ZEMIQALA

Zamabala ngamabala nobukulu ngobukulu.

## IZIPILI

Ezingqukuva Nezinembombo nezixaswe ngemiti.

KANJAKO,

Izitya ezinjengenkumntye, njalo njalo.

Izinto ezidliwayo, Neziselwayo.

Izinto zokwaka, zokuvatisa indlu.

Nezisetyenziswa Ekulimeni NJALO, NJALO, NJALO.

## DYER &amp; DYER.

Lishicilelwa umninilo, u JOHN TENGO JABAVU<sup>NGU</sup> HAY BROTHERS, Smith Street King William's Town.